**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 2 liyure**

**AMANQAKU: 75**

---

**IMIYALELO :**

- Eli phepha linamacandelo amathathu : A, B, noC.
- Kwicandelo A umvavanywa uya kuphendula imibuzo ibe MIBINI.
- Kwicandelo B mibini imibuzo, umvavanywa uya kuphendula ube MNYE kuphela.
- Xa ngaba uza kukhetha umbuzo **omde** kweli candelo, uya kunyanzeleka uthabathe oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo C.
- Kwicandelo C kwakhona mibini imibuzo, uya kukhetha uphendule ube MNYE kuphela.

---

## ICANDELO A
## IMIHOBE

***Aweselwa 3* – Kwetana W.M.** (Umqokeli).

Khetha imibuzo ibe MIBINI kuphela kweli candelo.

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

> Ubomi ngumnqants' onyukayo.
> Zamani bethu, qinani nomelele.
> Uthini na wen' ukulahl' ithemba?
> Siyini isixhobo sakho edabini?
> Wobaleka ngoko lukude notshaba.
>
> Ngethemb' uzuz' uloyiso.
> Ngethemb' uxhobel' utyhafo.
> Lithemb' elivez' imizamo.
> Ithemba lisus' ubugwala.
> Ithemba ngumphumezi.

1.1.1 Chaza intsingiselo yembongi kumgca – 1. (2)

1.1.2 Imibuzo-buciko ifumaneka kweyiphi imigca? (2)

1.1.3 Chonga amagama amabini azizithetha ntonye kumhlathi – 1. (2)

1.1.4 Ucinga ukuba kutheni imbongi isebenzise ezi zithetha-ntonye? (2)

1.1.5 Xela iziqhamo zibe ZIBINI zethemba nezikhankanywe kulo mhobe. (2)

1.1.6 Kumhlathi wesibini, imbongi isebenzise sixhobo sini ukwakha isingqisho? (1½)

1.1.7 Sithini isihloko salo mhobe? (1)
**[12½]**

**OKANYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze wandule ukuphendula imibuzo.

Wena Sombawo!
Wena Soninini!
Wena Sokulunga!
Wena Ntozonke!
Wena Solufefe!

Usibekelis' izulu ngamafu,
Unik' ihlabath' imvula,
Upholis' imimoy' eshushu,
Uminy' amalwandl' anzulu,
Wena Nyulushe!

Abakunqulayo bayaphila,
Abakuthembayo bayasinda
Phantsi kweemek' ezilusizi
Nezityizis' iinyembezi;
Wena Mdali!

1.2.1 Sithini ukulubiza olu hlobo lophinda-phindo lufumaneka kumhlathi – 1? (1)

1.2.2 Imbongi inaziphi iinjongo ngokusebenzisa olu phinda-phindo lukumhlathi – 1? Xela izizathu zibe ZIBINI. (2)

1.2.3 Sithini isihloko salo mbongo? (1½)

1.2.4 Ngubani kanye lo mntu ubongwa apha? (1)

1.2.5 Imbongi isebenzise amagama ambaxa ikhahlela. Khetha abe MABINI uze uchaze iintsingiselo zawo. 2x2=(4)

1.2.6 Chaza intsingiselo yembongi kumgca- 10. (2)

**Tyhila**

1.2.7 Ngoobani kanye aba kujoliswe kubo kumhlathi wesithathu? (1)

**[12½]**

**OKANYE**

1.3 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela.

> Le fosi yathengwa ngubawo,
> NguJekeqa izizwe zamaJamani,
> Livela kude kwaFedrishi -
> Kumahash' ohlobo lwaseJamani.
> Linezimbo zokudlal' okwentambanane,
> Nezandla liyazaz' emtshatweni.
>
> Ikh' iphathe kuqhwalela,
> Itelepule icimele mba,
> Ithimle indithe ithingaza
> Ikhe ivuthulule nezo sali,
> Ndod' eneenkom' ayifunwa ngeentlamba,
> Jekeq' ofosi, Jekeq' akokwethu.

1.3.1 Yithi gqaba-gqaba ngemvelaphi yeli hashe. (3)

1.3.2 Kuxa lisenza ntoni kanye xa lidlal' okwentambanane? (1½)

1.3.3 Liqhwaleliswa yintoni eli hashe? (2)

1.3.4 Xela isixhobo esisetyenziswe yimbongi kumgca – 9. (1)

1.3.5 Imbongi isizobela ntoni phaya kumgca – 12? (2)

1.3.6 Chonga umgca osinika uluvo lokuba lithanda ukubukwa eli hashe. (1)

1.3.7 Bhala isifaniso sibe SINYE osibonayo apha. (1)

1.3.8 Sixhobo sini esisetyenziswe yimbongi kwimigca 7 – 10? (1)

**[12½]**

**OKANYE**

1.4 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela.

Le nt' inzim' ity' umniniyo yedwa.
Iviwa mntu mnye umniniyo yedwa.
Naw' awungeyiv' iimpawu zinqabile.
Wombuz' iingcinga atsho, a' kho nto.
Eyakh' ingxak' isisithukuthezi.
Nakweleenkuni naw' awungeyithezi -
Ngokwenjenjal' uthath' elinenkume.
Umbilisi ngqond' otsh' umqamel' ufume.

Iyiyo na le ndlela siyihambayo?
Ukukheth' unyang' oluseyisayo.
Uthintel' ukho wokunquml' iindleko.
Sakuthath' oosiyazi bokhomb' embizeni
Namhl' unyawo lwemfene lungekhoyo.
Ubulula bengxaki kuxa isenye.

1.4.1 Chonga imigca eMIBINI esifumana kuyo uphinda-phindo. (2)

1.4.2 Chaza intsingiselo yembongi kumgca – 5. (2)

1.4.3 Sithini isihloko salo mhobe? (1½)

1.4.4 Ngokubona kwembongi, zinqatyiswe yintoni kangaka iimpawu zesi sifo? (2)

1.4.5 Loluphi olu nyango luseyisayo? (1)

1.4.6 Khetha isikweko sibe SINYE osibonayo kulo mhobe. (1)

1.4.7 Umbuzo-buciko siwufumana kowuphi umgca? (1)

1.4.8 Kulo mhobe imbongi isebenzise sixhobo sini ukwenza intetho yayo ibumbane? (1)

1.4.9 Ngowuphi umgca osinika uluvo lokuba lo mntu uyalila ebusuku? (1)
**[12½]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [25]**

## ICANDELO B

Phendula umbuzo ubeMNYE kweli candelo.

**QAPHELA** : Okokuba ngaba uza kukhetha umbuzo **omde** kweli candelo, uya kunyanzeleka ukukhetha **omfutshane** kwicandelo C.

### UMBUZO 2
### IDRAMA

***Inzonzobila*** **Mkonto B.B**

2.1 "Kukho ungquzulwano nokrutha-kruthano phakathi kwabalinganiswa abaphambili kulo mdlalo, uZinzo noDlangisa. Hamba naba balinganiswa, ubonise indlela abangquzulana ngayo. Qamela ngale ngxabano yabo uchaze unobangela kunye neziphumo zayo." **[25]**

**OKANYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela:

| | |
|---|---|
| **I.** | He Dlangisa! Kudala ndikumamele umana ukundikrwela, ufuna ntoni kum? Ulithumelo? Wandithi nca ngokokhwekhwe lukaNtshweza? Yihla bo, ndikuve ngaphezulu, kungenjalo ndakukuvuthulula ngoku, kwaye uyandazi. (*Uyafudumala)* Ndikumamele yonke le veki umana undirhwebesha ngezinyeliso. Nakulo mcimbi akukho yimbi ujonge apha kum. Mandikuphe le nto ke: njengokuba la mawonga akukhuphe intesha okwemeyile equnjweyo, ndiya kuwacudisa ngomqoqwa wam. Ugeziswa yile nto yobu bugosa obutsho wagoso nalapha esimeni sokungahloneli namadoda eminye imizi xa esenza izigqibo zawo ngemizi yawo. |

2.2.1 Ngubani lo uthetha la mazwi? (1)

2.2.2 Iqhubeka phi le ngxoxo? (1)

2.2.3 Kwakudityenwe ngantoni kule ndawo? (2)

2.2.4 Uqhubeka phi lo mdlalo? Xela igama lelokishi nedolophu. (2)

2.2.5 Zeziphi ezi zenyeliso kuthiwa zenziwa nguDlangisa? Chaza sibe SINYE. (2)

2.2.6 Yithi gqaba-gqaba ngonobangela wokuba uDlangisa aman' ukunyelisa isithethi esi. (2)

2.2.7 Ngawaphi la mawonga kaDlangisa kujoliswe kuwo sisithethi esi? (2)

2.2.8 Ngamadoda asemanini la kudityaniswe iintloko nawo? (1)

2.2.9 Zeziphi izigqibo afikelele kuzo la madoda kuthethwa ngawo apha? (2)

2.2.10 Chaza iintsingiselo zamagama anemigca ngaphantsi. 2x2=(4)

| | |
|---|---|
| II | Andilindelanga ukuba ukholwe kwinto endiyithethayo ntanga kuba ndiyazi ukuba undithatha njengepolisa elithanda imali ngokokude lenze izinto ezichasene nomthetho elimele ukuwubamba. Masiyiyeke leyo kuba ndiyindoda exakekileyo ephandela eTshokotshele kowethu, abazali bam balala bengatyanga. Ngeliquphayo mfana ndingathi, udade wethu endimalekelayo wafumana into ebuhlungu kweli Kapa eze *kukolobhela* imali yokuncedisana nobawo ukuze ndiqhubele phambili nemfundo. Hayi mandiyiyeke kuba le nto iza kuvusa izilonda esezapholayo. |

2.2.11 Ngubani lo uthetha la mazwi? (1)

2.2.12 Uthetha nabani? (1)

2.2.13 Xela igama lalo dade wabo athetha ngaye. (1)

2.2.14 Betha nje koomofu ngale ntlungu yafunyanwa ngudade lo kweli Kapa. (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [25]**

## ICANDELO C

Phendula umbuzo ube MNYE nakulo eli candelo.

**QAPHELA** : Okokuba ngaba ukhethe umbuzo **omfutshane** kwicandelo B, KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe **omde** kweli candelo.

### UMBUZO 3
### INOVELI

***Etshatile Engatshatanga* – S.C. Satyo**

3.1 "Etshatile engatshatanga"
Ngqiyama ngentloko yale ncwadi uchaze iinzame zikaYoliswa zokurhwebeshela uSimeli ngakwicala lakhe.

Nazi ezinye zeengongoma onokuqamela ngazo nezinokukukhokela kwimpendulo echanekileyo:

- Ukufika kukaYoliswa kwisipani sikaSimeli.
- Ukuthandana kwakhe noSimeli.
- Ukudala ingxabano emzini kaSimeli.
- Iimali zikaSimeli. njl. **[25]**

**OKANYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kuthi ilandele.

**I.** "Lithini icebo? Licebo lakho okanye lenu eli lokuba nizilahlele kumadoda atshatileyo? Yiyona ndlela yokusombulula ingxaki yenu leyo?" Uqokele imibuzo emininzi watsho uNomvelelo. Ngeli thuba ebemthe ntsho kabukhali uYoliswa. UYoliswa naye ebemjonge okomntu oza kubeka nje iimbono zakhe, angatshoyo ukuba zingumthetho wamaMedi namaPeretsi.

3.2.1 Sithini isiduko sikaYoliswa noNomvelelo? (1)

3.2.2 Liphi ikhaya likaYoliswa? (1)

3.2.3 Babehleli phi ngelixa lale ncoko? (1)

3.2.4 Babedityaniswe ngumsebenzi mni kule ndawo? (1)

3.2.5 Nika igama lendoda etshatileyo nevana noYoliswa. (1)

3.2.6 Chaza izinto zibe NTATHU abohlukene ngazo uYoliswa noNomvelelo. 3x2=(6)

3.2.7 Phinda uchaze izinto zibe NTATHU abafana / abadibana ngazo. 3x1=(3)

3.2.8 Zeziphi izizathu ezibangela ukuba uYoliswa akhethe amadoda atshatileyo kuneentanga zakhe? Nika zibe ZINE. 4x1=(4)

**II.** Engene uMaXaba endlwini ufike intombi yakhe isahleli esitulweni esingasefonini abantwana bemi baqamelela ngamathanga ayo, yaza yona yaqamelela ngeentlokwana zabo, ibamanzisa kunene ezo ntlokwana zabo ngeenyembezi ezazingathi azisalilwa koko ziyazinyubelezela njee. Uthe ngokuva ukuba kungena umntu waphakamisa intloko. Ntla ngoninakazi. Kuthe kuba iinyembezi besezisiqukuqelela engathi akazilili, wancuma, waphetha ehleka zingathi zisathe de ukuthi dadobawo.

3.2.9 Nika igama lale ntombi kaMaXaba. (1)

3.2.10 Ngoobani aba bantwana bayo babini? Xela amagama abo. (2)

3.2.11 Ngaba kufiwe bethu? Ilileka ntoni kangaka? (2)

3.2.12 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [25]**

**AMANQAKU EWONKE: 75**

**ISIPHELO**